
Ngu Mongameli
Thomas S. Monson



# Ubizo LukaMsindisi Lokuba Luncedo NgeNkonzo

Bonke abafunde izifundo zezibalo bayayazi ukuba yintoni inani eliyihafu elifana namanye amanani azihafu. KwabaNgcwele beNtsuku Zokugqibela, kukho uphawu olufanayo olusibophelelayo kunye thina. Olo phawu lufanayo lukuthi sonke lubizo lomntu ngamnye esizilwamkelela lona lokuzalisa imisebenzi ekumkanini likaThixo apha emhlabeni.

Ingaba unetyala na lokumbombozela xa ubizo lufika kuwe? Okanye uyalamkela ngombulelo oshushu ngalo lonke ithuba lokubaluncedo ngenkonzo kubazalwane kunye noodade bakho, usazi ukuba uBawo wethu waseZulwini uyakubasikelela abo Ababizayo Yena?

Ndiyakuthemba ukuba asiyokuphulukana nenjongo yokwenene yamathuba ethu axatyiswayo ngovuyo lokunceda. Loo njongo, iyinjongo yanaphakade yendawo esifikelela kuyo, yiyo ngqo iNkosi ethetha ngayo kwaye ifumaneka kwiPearl of Great Price (kwiLitye Elimhlophe Lexabiso: "Ngoku Bonani, lo ngumsebenzi wam kwaye nozuko lwam—ukuzisa kwenzeke ubomi banaphakade kwaye nobomibanaphakade kunye noThixo."[1]

Yanga singahlala sikhumbula ukuba isigqumathelo sokubangamalungu eCaweni kaYesu Krestu yeNtsuku ZokuGqibela ayiso sigqumathelo sentuthuzelo ngaphezulu kokuba iyingubo esisambatho yomthwalo. Owethu umsebenzi ongumthwalo wethu, ngaphezulu kokuzisindisa, kukubonisa ngokukhokela indlela eya kwikumkani likaThixo.

Ngokuhamba ngolangazelelo indlelana yenkonzo eya kuThixo, asisoze sibe kwisimo som-bongo kaShakespeare i – Cardinal Wosey. Ehlutyulwe amandla wakhe emva kobomi benkonzo kwiKumkani yakhe, eziva buhlungu wakhala esithi:

*Ukuba nje ngeNdandisebenzela uThixo wam ngehafu*
*nje yenkuthalo*
*Ndikhonze ukumkani wam, Wayengasoze Yena*
*kwiminyaka yam*
*Wandishiya ndize kwintshaba zam.*[2]

Ezulwini kufunwa inkonzo enjani? "INkosi icela intliziyo kwaye nengqondo elangazelelayo: kwaye abalangazelelayo nabathobelayo bayakutya okulungileyo komhlaba weZayoni kule mihla yokugqibela."[3]

Ndiyama kancinci xa Ndicinga ngamazwi kaMongameli Taylor (1808 – 87): "Ukuba anulandisi kakuhle ubizo lwenu, uThixo uyakuyifuna kuni impendulo ngomsebenzi ongumthwalo wenu ngabo eningabe ngenibasindisile xa beniwenzile umsebenzi wenu."[4]

Njengetotshi esisibane esikhanyayo sokukhangela okulungileyo bubo ubomi bukaYesu njengokuba wayeshumayela phakathi kwabantu. “Ndiphakathi kwenu njengaye lowo ukhonzayo,”[5] uYesu watsho ngoku Wayesomeleza amalungu omzimba esidalwa esasingakwazi ukuhamba, ukubona kwabo bazimfama, ukuva ezindlebeni zezithulu, kwaye nobomi emzimbeni wabafileyo.

Ngomzekeliso womSamariya olungileyo, INkosi yasifundisa ukuthanda abamelwane bethu njengokuba sizithanda.[6] Ngempendulo Yakhe kumlawuli osisityebi owayesaze ngobutsha elizweni, Wasifundisa ukwahlukana nokuzicnga ngeziqu zethu kuqala kunabanye abantu.[7] Ngokondla abangamawaka amahlanu, Wasifundisa ukubona iintswelo zabanye.[8] Kwaye ngeNtshumayelo Yakhe eNtabeni, Wasifundisa ukukhangela nokuhlonipha ikumkani likaThixo kuqala.[9]

KwiLizwe Elitsha, iNkosi evukileyo yathi: “Niyazazi izinto ekufuneka nizenze ecaweni yam; ngokuba imisebenzi enindibone ndiyenza nani niyakuyenza; ngokuba oko nindibone ndikwenza nako kanye niyakukwenza.”[10]

Sisikelela abanye xa sisebenza sikhonza kwisithunzi sikaYesu waseNazarethe . . . owayezula – zula esenza okulungileyo.”[11] U - Thixo asi sikelele sifumane ulonwabo olunemincili ekusebenzeleni nasekukhonzeni uBawo waseZulwini xa sibaluncedo kubantwana Bakhe abasemhlabeni.

**IZIKHUMBUZO**

1. Mozisi 1:39.
2. William Shakespeare, *King Henry the Eighth,* act 3, scene 2, lines 456–58.
3. Imfundiso neMinqophiso 64:34.
4. *Iimfundiso zooMongameli beCawa: John Taylor* (2001), 164.
5. Luka 22:27.
6. Bona Luka 10:30–37; bona neka Mattewu 22:39.
7. Bona Mattewu 19:16–24; Marko 10:17–25; Luka 18:18–25.
8. Bona Mattewu 14:15–21; Marko 6:31–44; Luka 9:10–17; John 6:5–13.
9. Bona Mattewu 6:33.
10. 3 Nefayi 18: 21
11. Izenzo 2:38

## UKUFUNDISA NGALOMYALEZO

“[INkosi] ayisoze isivumele ukuba sihluleke ukuba siyayenza indima yethu. Uyakusandisa kakuhle ewe kanye-kanye nangaphezulu kwee talente zethu kunye noko ngokwe ndalo sisemandleni okwazi ukukwenza. . . . Oku kokunye kwamava amnandi anokuza emntwini” (Ezra Taft Benson, in *Teaching, No Greater Call* [1999], 20). Cingisisa ngokwabelana ngamava apho wena okanye omnye umntu omaziyo wakhe wava iNkosi isandisa iziphiwo zendalo yakhe kunye neetalente zakhe. Mema usapho ukuba lwabelane ngamava omelezayo abathe babanawo wabo ngenxa yokumamela nokuphendula ku “bizo lukaMsindisi lokukhonza.”

## ULUTSHA

### Ukukhonza eTempileni

**Ngu Benjamin A.**

Xa Ndandibamba iminyaka eyi17 ubudala, Ndaqala ngokucinga nzulu ngekamva lam, kwaye Ndathandaza kuBawo waseZulwini ngoko Ndinokwenza ukulungiselela ukuba ukuya kubufundisi beminyaka emibini epheleleyo kwaye nangokwamkela uBubingeleli buka Melkhizidek. Ndava kum ngaphakathi ukuba kufuneka Ndiye etempileni kakhulu ngokuba yindlu yeNkosi kwaye yindawo apho eNdandinokuziva Ndisondele kuBawo wam waseZulwini.

Ke ngoko ndazibekela umsebenzi ngenjongo yokuwugqiba ukuba ndiphehlelelwe kayi 1,000 enyakeni. Ngenyaniso Ndava ngaphakathi kum imfuno yokuzibekela lo msebenzi ngenjongo yokuwufeza; Ndazila okusiwa emlonyeni ukuze Ndiyazi ukuba yintoni Emandiyenze. UBawo wethu waseZulwini wandiphendula, kwaye Ndaqala ndaya kwiTempile (yase) iTampico Mexico rhoqo ngeMigqibelo.

Emva kokuba Ndibhaptizwe kayi 500, Ndazibekela umsebenzi wokwenza uphando lwembali yezinyanya zam, kwaye Ndandithanda ukuphanda ngabo kakhulu kwade kwaca’ba Andikwazi kulala ngenxa yokuba Ndandikhangela amagama. Ndafumana amagama ayi – 50 kwaye nezizukulwana ezisibhozo zembali yosapho lwam; Ndancedisa ukwenza umsebenzi wasetempileni wabo bonke.

Ndigqibe ndibhaptizwe kangaphaya kwe1,300, kwaye ndaphumelela ndazigqiba izifundo zolutsha iseminari, ndafumana uBubingeleli buka Melkhizedek, kwaye ngoku ndikwinkonzo yobufundisi beminyaka emibini epheleleyo, into eyayiyenye yeenjongo zam ezinkulu endandifuna ukuzigqiba ebomini bam.

## ABANTWANA

### Ndingenzela Abanye Into

Umntu ngamnye kuthi angakwazi ukwenza into ukunceda abanye. Umongameli Monson wafundisa ukuba kufuneka sithande wonke umntu kwaye sifunde ukubona ukuba singabanceda njani na.

Xa unesidlo sangenjikalanga nosapho lwakho, bacebise ukuba ilungu ngalinye losapho lingabelana ngento enye abayenzileyo ukukhonza omnye ngaloo mini. Bhala amava wakho ngenkonzo yakho kwidayari yakho rhoqo ngemini.

© 2012 yi Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/11. Isivumelo Sokuguqula: 6/11. Inguqulelo ka *First Presidency Message, August 2012.* Xhosa. 10368 774

# Ukuthabatha Inxaxheba Ngexesha LeNtswelo

Ukholo, Usapho, Uncedo

*Funda lo myalezo, kwaye ngokufanelekileyo uxoxe ngawo kunye noodade obandwendwelayo. Sebenzisa lemibuzo ukukunceda womeleze odade bakho kwaye nokukwenza Umbutho wooMama usebenze kwindawo yawo ebomini bakho.*

Njenga bandwendweli makhaya, enye yeenjongo zethu kukunceda ekomelezeni amasapho kwaye namakhaya. Oodade esibandwendwelayo kufuneka bakwazi ukuthi, "Ukuba Ndiinengxaki, Ndiyayazi ukuba abandwendweli makhaya bayakundinceda bangade balinde ukucelwa." Ukuze sikwazi ukukhonza, sinomsebenzi ongumthwalo wethu wokuba sizazi iintswelo zoodade esibandwendwelayo. Xa sikhangela impembelelo, siyakuyazi indlela emasiphendule ngayo iintswelo zomoya nezexeshana zoodade esithunywe ukuba sibandwendwele. Emva koko, ukusebenzisa ixesha lethu, ubuchule nobuchwepheshe bethu, iitalente zethu, ukholo kwaye nenxaso yomoya, singanceda ngokusebenza nokukhonza ngemfesane ngamaxesha okugula, okufa, kwaye nakwezinye iimeko ezithile.[1]

Ngoncedo lweengxelo ezivela kubandwendweli makhaya, isimongameli soMbutho wooMama siyakwazi ukubona abo abaneentswelo ezithile ngenxa yengulo yomzimba wenyama, yomoya, yokungxamisisekileyo, ukuzalwa, ukufa, ubudalwa, umvandedwa, okanye ezinye iingxuba xaxeka. Umongameli woMbutho wooMama uye emva koko anike ubishophu ingxelo yakhe. Ngaphantsi kwenkokhelo yakhe, uye alungise uncediso.[2]

Njengabandwendweli makhaya singakwazi ukuba "nesizathu esikhulu . . . sokuvuyisana" ngenxa "yentsikelelo esiyiphiweyo, le yokuba senziwe izixhobo ezandleni zikaThixo ukuzisa phambili lomsebenzi umkhulu" (Alma 26:1, 3).

### *Kuvela kwiZibhalo eziNgcwele*

Mattewu 22:37–40; Luka 10:29–37; Alma 26:1–4; Imfundiso neMinqophiso 82:18–19

### *Kuphuma Embalini Yethu*

Kwiminyaka yangaphambili yeCawa, amalungu ayembalwa kwaye ekwii ndawana ezithile. Amalungu ayekwazi ukuphendula ngokukhawuleza xa umntu eswele. Namhlanje amalungu wethu angaphaya kwe 14 miliyoni (izigidi) kwaye asasazekile elizweni lonke. Undwendwelo makhaya yinxenye yecebo lenkosi lokusinika uncedo kubo bonke abantwana Bakhe.

"Eyona ndlela inye enika intuthuzelo ecaweni enkulu kangaka elizweni lonke elahlukahlukeneyo kungenxa yabakhonzi (abasebenzi) abahluka hlukeneyo abakufuphi kwabantu abasweleyo," watsho uMongameli Henry B. Eyring, Isekela Lokuqala KwisiMongameli SokuQala seCawa.

". . . Wonke ubishophu kwaye naye wonke umongameli wesebe unomongameli woMbutho wooMama axhomekeke kuye," waqhubeka. "Unabandwendweli makhaya, abazaziyo izilingo kwaye neentswelo zodade ngamnye. Uyakwazi, ngabo, ukwazi iintliziyo zabantu kwaye namasapho abo. Angakwazi ukumelana neetswelo kwaye ancede ubishophu kubizo lwakhe lokonga abantu kwaye namasapho."[3]

**IZIKHUMBUZO**

1. Bona *Handbook 2: Administering the Church* (2010), 9.4.2.
2. Bona *Handbook 2,* 9.6.2.
3. Henry B. Eyring, in *Daughters in My Kingdom: The History and Work of Relief Society* (2011), 110.

### *Yintoni Endinokukwazi Ukuyenza?*

**1.** Ingaba Ndisebenzisa iziphiwo zam neetalente zam ukusikelela abanye?

**2.** Ingaba oodade Endibahoyayo bayaya zi na ukuba Ndilangazelela ukuba nceda xa benentswelo?

Ukufumana olunye ulwazi, iya ku www.reliefsociety.lds.org.

© 2012 yi Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/11. Isivumelo Sokuguqula: 6/11. Inguqulelo ka *Visiting Teaching Message, August 2012.* Xhosa. 10368 774